Isalathiso: 20190314-2843
Inombolo yafayili: 13/3/2
Imibuzo: C Abrahams

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweeMviwo: 0001/2019

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela-Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaphathi boKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwaMaziko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi beZifundo nakwiiNtloko zazo zonke izikolo zikarhulumente nezezikolo ezizimeleyo ezilungiselela abaviwa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isihloko: **Ukungqinisiswa (*verification)* kwengcaciso yobhaliso yabafundi kwi-*Centralised Education Management Information System (CEMIS*) ukulungiselela abafundi beSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC)* kumaBakala 10 ukuya ku-12**

1. Ngokomyalelo weSebe leMfundo esiSiseko (ISebe i*DBE*), ingcaciso yabafundi bamaBakala 10 ukuya ku-12 mayirekhodwe kwi-*National Examination System*.

2. Le ngcaciso imfutshane mayifundwe neSetyhula 0018/2018 yomhla we-21 Apreli 2018, kwakunye neNgcaciso eMfutshane 0001/2018 yomhla we-13 Disemba 2017 neNgcaciso eMfutshane 0004/2018 yomhla we-19 Februwari 2018, zeCandelo loLawulo loLwazi neNgcaciso ezimalunga nokulawulwa nokusingathwa kotshintsho kwizifundo zabafundi nedatha yabafundi kwi*CEMIS*.

3. Kuvuliwe ukusebenza kwesistim (*functionality)* kwi*CEMIS* ukulungiselela izikolo ukuba zenze izilungiso kwiinkcukacha zabafundi bazo.

4. Eli iya kuba lithuba lokugqibela lezikolo ukuba zenze naziphi na izilungiso kwingcaciso eziinkcukacha zabafundi bazo bamaBakala 10-12 phambi kokuba idatha ikhutshelwe kwi-*National Examination System*.

5. Ingcaciso engabafundi kwi*CEMIS* iya kutsalwa ifunyanwe *(extracted)* ize ikhutshelwe kwi-*National Examination System* ukwenzela iinjongo zoviwo. Onke amaphepha emibuzo namaxwebhu anxulumene noviwo aya kupakishwa yaye ahanjiswe ezikolweni ngokwedatha ye*CEMIS* esayinelwe ziinqununu.

6. Izikolo ziya kwenza inkqubo yokungqinisiswa kwedatha (*verification process*), ziyisayinele yaye ziyingenise ingxelo kwaNdlunkulu ukungqinisisa ukuba yonke ingcaciso engabafundi kwi*CEMIS* **ichanekile** yaye ilungele ukukhutshelwa kwi-*National Examination System*.

7. Iinqununu maziyingqinisise, ziyisayinele yaye ziyingenise ingcaciso **elungisiweyo** engabafundi ngale mihla ilandelayo:

7.1 EyeBakala 12 — ngoLwesihlanu, we-10 Meyi 2019

7.2 EyeBakala 11 — ngoLwesihlanu we-17 Meyi 2019

7.3 EyeBakala 10 — ngoLwesihlanu we-23 Agasti 2019

8. **Ukungqinisiswa kwengcaciso eziinkcukacha zabafundi**

8.1 **Inombolo yesazisi (*identity number*)** yomfundi **licandelo elinyanzelekileyo *(compulsory field*)** njengoko i-*National Examination System* ibakhaba (*rejects)* abafundi abangenazo iinombolo zezazisi. Ngako oko kubalulekile ukuba bonke abafundi bafake izicelo zamaxwebhu ezazisi zabo kwiBakala 10. Okwexeshana makusetyenziswe inombolo yesazisi ebonakaliswe kwisatifikethi sokuzalwa.

8.2 Abafundi **abangengabo abemi beli lizwe (kuqukwa nabafundi bamanye amazwe abahlala isigxina kweli lizwe),** mababe nepasipothi **kunye** nepemithi yokufunda. Ayakwamkelwa amaxwebhu abafundi abakweli lizwe ngokuza kufuna igwiba lezokhuseleko (a*sylum documents*). Abafundi abangengabo abemi beli lizwe nabebeyinxalenye yeNkqubo yeSikolo yaseMzantsi Afrika (*South African Schooling System*), kodwa babe bengenawo amaxwebhu ayimfuneko okubhalisela iimviwo ze*NSC* ngo-2019, baya kuvunyelwa babhalisele iimviwo kodwa abayi kunikwa izatifikethi ze*NSC* de beze namaxwebhu asemthethweni ayimfuneko.

8.3 Makutshekishwe upelo lwamagama apheleleyo neefani. Amele ukufana amagama nalawo avele kuxwebhu olunenombolo yesazisi somfundi (*learner's identity document*)/kwisatifikethi sokuzalwa/ipasipothi.

8.3.1 Ukuba abafundi batshintsha amagama neefani zabo **kwithub**a okanye zingadlulanga iintsuku eziyi-90 emva kokubhala iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke zeBakala 12, okanye emva kokukhutshelwa kwi*CEMIS* ukusiwa *kwiNational Examination System*, makuthunyelwe kumagosa eemviwo achaphazelekayo adweliswe **kwiTheyibhili 1,** iikopi eziqinisekiweyo zamaxwebhu ezazisi amadala namatsha nengxelo efungelweyo (*affidavit)* echaza isizathu sokwenziwa kotshintsho**.**

8.4 **Inombolo yeselula yomzali womfundi/yomgcini womfundi licandelo elinyanzelekileyo**. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (ISebe i*WCED*) lisebenzisa iinkonzo ze-*SMS* ukunxulumana nabafundi ngemiyalezo ebalulekileyo emalunga neemviwo.

8.5 Abafundi abavela kwamanye amazwe nabafundi abaneemfuno ezizodwa zemfundo abakhetha ukubhala uViwo lwe*NSC* olu-endosiweyo (*endorsed NSC Examination*) mababoniswe ngolo hlobo kwi*CEMIS*.

9. **Inkqubo emayilandelwe kwi*CEMIS***

9.1 Makulandelwe imiyalelo ecacileyo kwi*CEMIS* engokuba itsalwa ifunyanwe njani na ifayili kwelo bakala nakuloo klasi ithile.

9.2 Mayiprintwe ishedyuli.

9.3 Bonke abafundi mabazingqinisise iinkcukacha zabo (igama, ifani, inombolo yesazisi, uluhlu lwezifundo) baze basayine ukubonisa ukuba zichanekile.

9.4 Iimpazamo ezixelwe ngabafundi kwishedyuli **mazilungiswe** ngumlawuli weCEMIS wesikolo. Oku makungqinisiswe yinqununu yesikolo okanye ngulowo idlulisele kuye amagunya.

9.5 Iishedyuli ezilungisiweyo mazithunyelwe kubazali ukuze bazisayine baze bazibuyisele ezikolweni.

9.6 Iishedyuli emva koko mazisayinwe yinqununu/yintloko yebakala. Inqununu mayizisayinele iishedyuli kwi*CEMIS* ukuqinisekisa ukuba le nkqubo igqityiwe.

9.7 Makwenziwe ikopi yezi shedyuli zisayiniweyo. Mayigcinwe le kopi esikolweni ngenjongo yokugcina iirekhodi zaso isikolo ngokwaso yaye ishedyuli yentsusa mayithunyelwe kumagosa achaphazelekayo kwisithili njengoko kuchaziwe **kwiTheyibhili 1.**

ITHEYIBHILI 1

Isithili	Igosa elenza lo msebenzi	Inombolo yefoni	I-imeyili
Metro North	Johnnie Isaacs Jean Theron	021 467 2974 021 467 2146	johnnie.isaacs@westerncape.gov.za jean.theron@westerncape.gov.za
Metro Central	Farrel Jacobs Leon Samuels	021 467 2909 021 467 2461	farrel.jacobs@westerncape.gov.za leon.samuels@westerncape.gov.za
Metro South	Linsay van Gensen George Valentine	021 467 2917 021 467 2911	linsay.vangensen@westerncape.gov.za george.valentine@westerncape.gov.za

Metro East	Gideon Dilgee	021 467 2914	gideon.dilgee@westerncape.gov.za
West Coast	Peggy Thomas	021 467 2930	peggy.thomas@westerncape.gov.za
Cape Winelands	Lindsay Weber Andile Gidana	021 467 2732 021 467 2937	lindsay.weber@westerncape.gov.za andile.gidana@westerncape.gov.za
Overberg	Patricia Liguma Elmarie du Toit	021 467 2936 021 467 2920	patricia.liguma@westerncape.gov.za elmarie.dutoit@westerncape.gov.za
Eden and Central Karoo	Samuel Adams Nokuzola Makinana	021 467 2914 021 467 2401	samuel.adams@westerncape.gov.za nokuzola.makinana@westerncape.gov.za

10. Izikolo kufuneka zithumele izicelo zezilungiso zebanga 10 – 11 njengoko kubonakalisiwe ku Table 1.

11. Kuya kuthathwa njengesitenxo ukuzaliswa kwefom yesiHlomelo ye-*School-based Assessment (SBA)* ukwenza utshintsho okanye izilungiso kwizifundo, ukuba zikho.

12. Le ngcaciso imfutshane nayo mayithunyelwe kubo bonke abaququzeleli bamaBakala 10 ukuya ku-12 nakubalawuli be*CEMIS*.

ISAYINWE: NGU-T SINGH
IBAMBELA SEKELA-MLAWULI JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2019-04-03

CL-(Certificate Lang), LM-(Lang Medium), MT-(Mother Tongue)(M-Immigrant)

SCHOOL EMIS NUMBER: 0100000268 | **SCHOOL NAME: A.Z. BERMAN HIGH SCHOOL** | **CENTER NUMBER:**

Learner_ID Number	Identity Number	Date Of Birth	Race	Gender	Surname and First Names	Subjects Code And Subjects Description
990319SA10001	9903195168089	19/3/1999	C	M	ABBAS, SAADIQ	

Diacritics in Name/Surname:	ADDRESS	Number Of Subjects	Tel code	Telephone No.	Cellphone No.	CL MT	LM M	
N	24 PLATTEKLOOF TAFELSIG CITY OF CAPE TOWN 7785	7				A	A A	N

16341002 - Life Orientation
20351062 - Tourism
12351002 - Accounting
19321002 - Mathematical Literacy
12351062 - Economics
13301002 - Afrikaans Home Language
13311092 - English First Additional Language

I hereby declare that all the information on this schedule is correct and a certified copy of the candidate's ID document is attached.

Ek verklaar hiermee dat alle inliging op hierdie skedule korrek is en dat 'n gesertifiseerde afskrif van die kandidaat se ID dokument aangeheg is.

Candidate / Kandidaat	Parent, Guardian / Ouer, Voog	Principal / Prinsipaal
Date / Datum	Date / Datum	Date / Datum


Master List: Institutions
EduInfoSearch
Centralised Educational Mana...
CEMIS
Find: JUNIOR
Previous Next Options
Test Site
Western Cape
Education Department
CEMIS
Central Education Management Information System
Test Site
Transfers
Classes Update
Subjects/GET
School Dashboard
Reports
Exams/Assessments
Surveys
Educator Information
Hostel Information
MARINDA,WIESE - GO TO ADMIN SECTION
LABORI HS. - 0108310257
FUNCTION: SUBJECTS PER LEARNER REPORT
NORMS AND STANDARDS COMPLIANCY STATUS
GR11
Select A Class:
SUBMIT
SELECT A NEW GRADE
Grade 11 Learner Details Report
PRINT ALL Print Landscape
PRINT ALL Print Landscape / Per Learner
Date: 15-MAR-17
EMDC: CAPE WINELANDS
Center Number: 1007721
School Name: LABORI HS.
CL-(Certificate Lang), LM-(Lang Medium), MT-(Mother Tongue), M-(Immigrant), B-(Bachelors)
Learner_ID Number
Identity Number
Date Of Birth
Race
Gender
Surname and First Names
Subjects Code And Subjects Description
0003142A10001
0003145124081
14/3/2000
C
M
ADAMS, ZEKE JAMES
Diacritics in Name/Surname:
ADDRESS
Number Of Subjects
Tel code
Telephone No.
Cellphone No.
CL LM MT M B
A A A N N
15351103 - Engineering Graphics And Design
16371493 - Technical Mathematics
19351523 - Technical Science
13301013 - Afrikaans Home Language
100%